higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELWEYO

NQF LEVEL 2

(Iphepha lokuqala)

(4101222)

13 November 2023 (X-paper)
09:00–12:00

Olu viwo lunamaphepha ali-10.

DEPARTMENT OF HIGHER EDUCATION AND TRAINING
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)
ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWE
(Iphepha lokuqala)
NQF LEVEL 2
IXESHA: 3 IIYURE
AMANQAKU: 140

IMIYALELO NEMIQATHANGO

1. Eli phepha linama CANDELO AMAHLANU.

   ICANDELO A: Uvavanyo Lokuqonda
   ICANDELO B: Ushwankathelo
   ICANDELO C: Okubonwayo
   ICANDELO D: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
   ICANDELO E: Ulwimi olusetyenziswa kunxibelelwano

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Funda YONKE imibuzo ngocoselelo.

4. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kweli phepha.

5. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Satsho isichotho kwanga kudala. Lasuka ilizwe lalulwandle nje ngamanzi. Kuyo yonke le nguqu kwakukho ntombazana ithile egama linguLindiwe eyayingazange iyithathele ngqalelo yonke le nto. Yabethelwa luvalo kukutshawuza kwemibane nakukugqekreza kweendudumo. Le ntombazana yayingqengqe phezu komandlalo, engalele phofu. Ingqondo yale nzwakazi yayithatha ibeka. Wawungeva ngesingqala ukuba umvandedwa ngumonwabisi wayo. 'Mh-hh! Nkosi yam! Kazi esi simanga ndibotshelelwa ngaso ndiza kusithini na?'

Akukho mzi wonwabe njengalo kaJwarha kule lali yaseZibokwana. ULindiwe ngumafungwashe weli khaya, wayeza kutshata noThembisile into kaDlembula kwelaseMaXesibeni. Loo mibane neendudumo zanga zisikelela itheko lamaZangwa. Kwisidlo sangokuhlwa, amaZangwa ayezele yimincili.IsiZangwa nezalamane sasibuye sonke, sivela kwiimbombo zone zomhlaba.
Kwakuphithizela abantu beyintlaninge benyakazela oku kweembovane. Kwesi sidlo sangokuhlwa uLindiwe akazange azive efuna into etyiwayo. Wathi esatya njalo ngokucengwa ngumsakwabo, wee cafucafu nje wabuya wayeka, ekhala ngokungaziva mnandi. Akukho mntu wayeyifunde ivaliwe ngaphandle kukaNosihle. Waqonda mhlophe ukuba eyona nto idla umphefumlo womsakwabo inxulumene nokwenda oku kwakhe. Abazali bona ayikhange ibafikele le ngqondo, kubo ukugula kwentombi yabo kwakubangwa nje bubushushu bemini leyo phambi kweendudumo.

Kwalalwa isina imvula, izulu selithe de, lindila nje kuphela. Bathe bakugqiba ukuhlamba izitya nokuqoqosha emva kwesidlo, aya kulala gumbini linye la magqiyazana.ULindiwe wayengumntu olikheswa, othuleyo nongafane athethe ngaphandle kokuba kuyimfuneko. UNosihle wayengayazi eyona nto apha ekwendeni kwakhe. Isisithethe kakade into yokuba nayiphi intombi eyendayo ihlala ihlale ibe nomvandedwa. Wayesithi akucinga ngemihla yokwenda kwakhe yena Nosihle angazikhumbuli elila ngohlobo awayelila ngalo uLindiwe, ngaphezu koko wenda eselula yena kunoLindiwe.

Sacinywa isibane la manenekazi elele omabini. Ingxolo eyayivakala kweli gumbi yeyomntwana kaNosihle. Ethubeni wema ngeenyawo uLindiwe walumeka isibane, wathi rhuthu etyesini yakhe iphetshana elishicilelwe ngomatshini. Walivula walifunda ithuba elide ecinga ukuba nguye yedwa ohleliyo. Wawungade ugqibe ukuba liphepha lemali emawaka-waka ndlela le wayeliqwalasele ngayo, nexesha awalithathayo ukulisonga. Uthe esalisonga njalo zehla iinyembezi. Bathi obo buhle ngathi ngamanzi eendonga bajika banga ngamanzi esichotho. 'Ba-ba- bandijojisa ngenqatha, ndithi xa ndilithi hlasi, balixhuzule baligibisele enzonzobileni. Ndichithe ixesha lam elingaka, kwale kunyaka wam wokugqibela, kuthiwe mandilahle yonke loo nto! Ngewayengandisanga esikolweni kwakanye.'

Walithabatha umsakwabo eli phetshana walifunda noxa wayengaliqondi ncam nanjengoko wayephele kwibanga lesihlanu engaliphumelelanga. Uhle waqonda ukuba yingxelo evela eMvenyane, phofu walikhumbula igama eilthi 'Passed' ukuba lithetha ukuthi uliphumelele ibanga lethoba. Weva ngoLindiwe ethetha ebhekisa kuye 'dade khawundixelele: Buphi ubulumko? Iphi inyaniso? Ndichithe iminyaka engaka esinaleni kwale sendiphumelele ibanga lethoba ndinunuswe ngesoka, nasoka endingalaziyo elingazanga nam? Yintoni utata angandiyeki ndigqibe? Khawufan'ucinge! Umfo endingazange ndimbone nasemdudweni! O! Yehova! Nithi andiyikusuka ndiphambane?' 'Kaloku akukho nto utata wabo wayeyixabise njengekhazi. Imfundo kuye yinto yokulibazisa ixesha okweli thuba ungekabonwa soka'. ULindiwe uvakele embombozela esitho.

[Sicatshulwe kwiphephandaba *'Isolezwe'* saza sahlelwa.]

1.1 Chonga kumhlathi wokuqala ibinzana elibonisa ukuba uLindiwe wayesoyika. (2)

1.2 Wayesenza ntoni uLindiwe ngalo mzuzu kusina imvula, kutshawuza imibane? (2)

1.3 Yintoni eyayingumonwabisi kaLindiwe ngokwalapha kwisicatshulwa? (2)

1.4 Yintoni eyayibangela imincili kulo mzi wakwaJwarha? (2)

1.5 Kwakutheni ukuze uLindiwe athi cafu-cafu nje xa esitya? (2)

1.6 Ngubani owakhawuleza wayiqonda into yokungonwabi kukaLindiwe? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.7 Ibhekiselwe kumntu onjani intetho ethi 'umntu olikheswa'. (2)

1.8 Intombi eyendayo ihlala ihlale ibe nomvandedwa. (2)

Ingaba yinyani okanye bubuxoki? Xhasa impendulo yakho.

1.9 Ngubani owasenza ingxolo kwigumbi ababelele kulo uLindiwe noNosihle sele kucinywe nesibane? (1)

1.10 Nika isiizathu esasibangela ukuba uLindiwe athathe ixesha elide ukufunda iphepha elalishicilelwe ngomatshini. (2)

1.11 Kuthetha ukuthini xa kusithiwa, uNosihle 'ngumsakwabo' Lindiwe? (2)

1.12 Leliphi inqatha awayeza kuphulukana nalo uLindiwe ngokwesicatshulwa? (2)

1.13 Nika ubungqina ngokwesicatshulwa obubonisa ukuba uNosihle wayengafundanga kuyaphi. (2)

1.14 Ngqina okanye uphikise olu luvo lulandelayo ngokucaphula intetho kaLindiwe: (2)

'ULindiwe wayeza kutshata nesoka alithandayo.'

1.15 Wayenenjongo yokufundela ukuba yintoni uLindiwe? (1)

1.16 Ucinga ukuba kutheni ibonwa ingenamvuzo imfundo nguJwarha? (2)
[30]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo wandule usishwankathele:

1. Chonga iingongoma eziphambili ezi-7 ubude bungadluli kuma-70 amagama.

2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo, ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.

3. Upelo,iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

4. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.

Ikhaya asiyiyo indawo apho umntu aqhusheka khona intloko lakutshon'ilanga, alale , arhone, kanti ukuphuma kwalo uya kulahleka angaziwa nokuba utshone kweliphi na icala. Ikhaya kulapho umntu alulekwa khona, asukwe okwesikhumba senkomo sisukelwa ukuba sibe luncedo. Umntu osuka kwikhaya elingakwazanga ukumakha ufana nqwa nesikhumba senkomo esingasukekanga esiyinto nje izinja ezixhwithana ngayo. Ikhaya asiyonto inye nomzi yaye umahluko mkhulu phakathi kokwakha ikhaya nokwakha umzi. Izinto zokwakha umzi zininzi yaye umzi uyakhiwa ugqitywe bahlawulwe abakhi bahambe bayokwakha kweny'indawo.

Umzi uthi sewugqityiwe ukwakhiwa baxakeke abantu bawo besenza unako-nako bezama ukuba lo mzi unganeli nje ukuba ngumzi koko ibe yindawo yokukhongozela abantu bekhaya. Njengokuba umzi wakhiwa ngezitena nodaka nje, ikhaya lona alakhiwa ngezi zinto yaye ikhaya aligqitywa ukwakhiwa. Indoda nomfazi bayakwazi ukungena endlwini bahlale kuyo iminyaka ngeminyaka besakhana nekhaya.

Ikhaya kulapho abantwana bangena khona ngomzimba okhululekileyo. Oku kukhululeka kwabantwana kuzalwa sisiqinisekiso sokuba xa bengene kulo bangene kumqolomba wokubakhusela kwizinto ezininzi. Nokuba umntwana sele esukelwa ngabanye befuna ukumbetha akubalekela kowabo uqinisekile ukuba ufike kwindawo akhuseleke kuyo. Ikhaya likhusi labantwana apho bangakhonkothwa nayinja. Umntwana okhulela ekhayeni lokwenene akukho ndawo inolonwabo njengekhaya. Umntwana uyakwazi ukuya kudlala nabantwana bomzi othile achith'imini yonke kuloo mzi esazi ukuba uphambukele kuwo okwexeshana. Lakufika ixesha lokugoduka ushiya kwanto angqale kowabo.

Abantwana banelungelo ekhayeni labo, ilungelo abangenakulilindela emzini. Umntwana angavinjwa ukudla komnye umzi kodwa kowabo unelungelo lokuphakelwa.Kwakhona umntwana ngamnye uba nesilili sakhe sokulala.

Ikhaya kulapho abantwana bahluthayo nokuba sekuhlutshekiwe. Into ehluthisa abantwana asizizo izitya eziza zinkqongisiwe ngathi kuphakelwa umntu ovela kuhlakula. Umntwana uyahlutha ukutya kukuncinane ehluthiswa nje kukuthatha eso sitya kwizandla ezinothando.

[Sicatshulwe 'kwincwadi,*Kungaqhuma kubasiwe,* saze sahlelwa.] **[10]**

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: OKUBONWAYO

UMBUZO 3

Qwalasela le mifanekiso ilandelayo uze uphendule imibuzo.

UMFANEKISO A

UMFANEKISO A1



UMFANEKISO A2



UMFANEKISO A3



UMFANEKISO A4



(*KwaXhosa ilobola lisiko elaziwayo nelihlonitshwayo ukwakha ubuhlobo phakathi kwamakhaya amabini*)

[Uthatyathwe kwiIntanethi wahlelwa.]

3.1 Ucinga ukuba la madoda akumfanekiso A1 aze kwenza ntoni kulo mzi? (2)

3.2 Ibizwa ngaliphi igama ingxoxo ephakathi kwala makhaya mabini? (2)

3.3 Yintoni injongo yale ngxoxo? (2)

3.4 Le ngxoxo ephakathi kwala makhaya yenzelwa phi? (1)

3.5 Leliphi ixabiso elikhutshwayo likhaya elize kucela ubuhlobo? (2)

3.6 Babonakalisa njani oomama ukonwabela eli xabiso? (2)

3.7 Ibizwa ngokuba yintoni inkomo yokuqala ekhutshwa phambi kokuba kuxoxwe? (2)

3.8 Ibizwa ngokuba yintoni inkomo ekhutshelwa okanye enikwa umama wentombi kule ngxoxo? (2)

3.9 Kumfanekiso 4 kukho umtshakazi ohleli phantsi. Yintoni le ahleli kuyo? (2)

UMFANEKISO B

UMFANEKISO B1



UMFANEKISO B2



Nguwo !!! Nguwo!!! Nguwo…woo..o!!! umtshato….

[Uthatyathwe kwiIntanethi wahlelwa.]

3.10 Nika umyalezo odluliswa ngumfanekiso B1. (2)

3.11 Leliphi igama abizwa ngalo lo mntu uphethe incwadi kumfanekiso B1? (1)

3.12 Le nginginya yabantu kumfanekiso B2 ucinga ukuba ize kwenza ntoni kulo msitho? (2)

3.13 Babonakalisa njani aba babini okokuba ngenene nangenyaniso bayazimanya? (2)

3.14 Ngokoluvo lwakho esi sibini ingaba sisiva njani ngolu suku? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.15 Leliphi elona gama abizwa ngalo umyeni kwikhaya lomtshakazi? (2)

3.16 Ucinga ukuba yeyiphi injongo yokuba abantu ababini bazimanye ngeqhina lomtshato? (2)

[30]

AMANQAKU ECANDELO C: 30

ICANDELO D: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 4

4.1 Chonga isimelabizo kwezi zivakalisi zilandelayo uze ubhale nodidi lwaso

4.1.1 Bona bayakuthanda ukufunda.

4.1.2 Siluhlanga oluthandayo thina.

(2 × 2) (4)

4.2 Bhala isinye sala magama alandelayo:

4.2.1 Amanzi

4.2.2 Imihlaba

(2 × 1) (2)

4.3 Guqula esi sivakalisi sibe kwixesha eliya kuza kwimo elandulayo.

Ndiya kuhamba ngomso. (2)

4.4 Lungisa iziphene kwesi sivakalisi silandelayo.

thina maafrika siluhlanga oluthandanayo (3)

4.5 Bhala izixando zezenzi ezikwizivakalisi ezilandelayo kumagama abhalwe ngqindilili.

Ubundlobongela **benzeka** kuzo zonke iindawo. (2)

Umama uza **kuthungela** umolokazana wakhe iimpahla. (2)

4.6 Nika isikhomokazi sala magama alandelayo.

4.6.1 Inja

4.6.2 Indoda

(2 × 1) (2)

4.7 Bhala intsingiselo zibe mbini zala magama, alandelayo

4.7.1 Ukuhlutha (4)

4.7.2 Umkhwetha (4)

4.8 Bhala izinciphiso zala magama alandelayo.

4.8.1 Indaba

4.8.2 Umlambo

(2 × 1) (2)

4.9 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibe kwi ngxelo-ntetho.

Umama uthi, “Ndidikiwe ngabantwana bam abangandivayo”. (2)

4.10 Guqula esi sivakalisi silandelayo sibe kwixesha elimiyo:

Utsotsi uthathe imoto kamakhelwane. (2)

4.11 Nika isithetha-ntonye segama ‘izembe’. (1)

4.12 Dibanisa izivakalisi ezibini ezingezantsi ngesihlanganisi u-‘noxa’.

4.12.1 Imvula ibalulekile.

4.12.2 Yenza umonakalo ngamanye amaxesha.

(2 × 1) (2)

4.13 Lithetha ukuthini eli binzana ‘*ingxuba-kaxaka*? (2)

4.14 Bhala iqhalo okanye isaci ngegama ‘ulwimi.’ (2)

4.15 Nika intsingiselo yesi sivakalisi silandelayo.

Ukukhotha phantsi. (2)

[40]

AMANQAKU ECANDELO D: 40

ICANDELO E: ULWIMI OLUSETYENZISWA KUNXIBELELWANO

UMBUZO 5

5.1 Bhala izivakalisi ngezi zifanekiso-zwi zilandelayo:

5.1.1 Bhaxa

5.1.2 Qhwa

(2 × 2) (4)

5.2 Zibonakalisa eziphi iimpawu zovakalelo izikhuzo kwezi zivakalisi zilandelayo:

5.2.1 Tyhini bethuna! Bekutheni kanene?

5.2.2 Halala! Nguwo! ... Nguwoooo! umtshato … laphum’iguz’ekhasini.

5.2.3 Shu-u! ndatsha ngulo mlilo.

(3 × 2) (6)

5.3 Lungisa iimpazamo zolwimi kwezi zivakalisi zilandelayo

5.3.1 Inqwam lenkawu lidliwa kabini, owesithathu ngumnqakathi.

5.3.2 Isiyila senkukhu sibonwa mhla liqhutayo.

5.3.3 Thina sililizwe eliNtsudu

5.3.4 Yathinta abafazi! wathinta imbongolo

5.3.5 Umama ubhaka isoda yombhako.

(5 × 2) (10)
[20]

UMBUZO 6

Bhala intsingiselo yoorayi-rayi/ooqashi-qashi kwezi zivakalisi zilandelayo

6.1 Ndinamntu wam udla elele

6.2 Ndinamntu wam othi xa ehamba athi tsiii-daxa, tsii-daxa.

6.3 Ndinanto yam jikelele ngqu…

6.4 Ndinabantu bam bathi behamba nje babe becula.

6.5 Ndinabantu ndibathuma phesheya komlambo babuye ngoku

(5 × 2) **[10]**

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 140